

# IMVO ZABANTSUNDU

(NATIVE OPINION)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territory.

KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESI-TATU, DECEMBER 21, 1887.

162

## DYER & DYER

### BENTLOBO ZONKE ZE NGUBO

Bafikelwa zimpahla ezintsha ngo stemele bonke abafikayo. Ezi mpahla niya kuzi fumana Zizezona

Zitshipu Entengisweni

Xa uhambele e Qonce yiti gxada kuleyo ndlu inkulu ye Ngubo yo

## DYER & DYER

Pambi kokuba utenge kwezinye izindlu.

JOHN J. IRVINE & CO

ISITORA ESITSHA

Sengubo nobu Qeleqele

beza Mankazana,

E QONCE

Ezamadoda Ihempe, 1/- 1/3, 1/6

Ibhulukwe ze Kodi, 5/-

Eze Twidi ibhulukwe, 4/-

Ibatiyi ze Twidi (iqukunjelwe yonke) 6/6

Eze Twidi i Suti, 16/9

Ikeleko, 2 1/2d.

I Printi (intlobo ezintsha) 3d.

I Linzi, 3 1/2d.

Ityali ezimnyama, 2/-

Alikazanga libeko elinjengeli icam.

GEO. B. CHRISTIAN & CO.

KEEP WELL-ASSORTED STOCKS OF

Hardware and Ironmongery,

BUILDING MATERIAL,

Groceries & Oilmen's Stores,

BRUSHWARE

PAINTS. OILS, AND VARNISHES,

Pots—Kafir Hoes—Red Ochre—Cutlery, &c., &c.,  
for Native Trade.

ROUGH GOODS OF ALL KINDS.

GEO. B. CHRISTIAN & CO

### BANTSUNDU! BANTSUNDU!

O PASCOE baninqwenelela i Kresmesi yoku- gcoba no Mnyaka Omtsha wokonwaba, bayazisa ukuba baya kuyivala ivenkile yabo ngezomini zilandelayo—ngo-Mvulo 26th Dec., ngolwesi-Bini 27th, ngolwesi-Tatn 28th, ngo- lwesi-Ne 29th, ngolwesi-Hlanu 30th, ngo-Mgqi- belo 31st. Bovula ngo-Mvulo, 2nd January. Ze niwakumbule amagama Inkumba yakwa Pascoe, ngezantsi kwe Tyalike yama Sikotshi.

Paulani amagama ake ngawo la

Amadoda ati ngu SIGINGQI Abafazi bati  
ngu SILINDI Umteketiso ngu FOLOKOCO.

OLOLIWE BE LASE MAXOSEN.

Iholide ze Kresimesi ne Nibidyala 1887-88.

I TIKITI zokubuyelela zofunyanwa ngamaxabiso abebizwa ngehambo enye kwizi-tishi zonke ngo MVULO, 19th DECEMBER, 1887, nemihla elandelayo kude kuse, kuquke no LWESIBINI, 3rd JANUARY, 1888, anokubuyelela nangawupina u lofiwe kude kuse, kuquke no LWESIBINI, 31st JANUARY, 1888.

Ngenxa yokulungiselelwa kwabahambi ngexesha le Holide ololiwe bayakongezwa. Incazo yoko noyibona kumapepa ashicilelweyo.

Kwi Ofisi ezinkulu e Monti, December 1887.

T. R. PRICE, Umpatiswa.

Kwi Mpi ya se si Kolweni na ku ma Qaba!

NQUMAMANI KE NIVE LENTO.

ABANTU bonke evalwe bese nezikelitit kuyo ivenkile yakwa Ngqika, HEDENI (J. & C. HEDDING) ebilapa e Qonce, bayavuswa ukuba beuze into ezirna sinyane abzihlaule

Ku Hedeni ose Mkangiso,

izikwellit zabo zonke, ngezi veki zintandatu, ngapambi ko 11 January, 1881. Emva koko iya kuzala amatole, bafunyanwe sesi matontsi abanzi.  
19 December, 1887.

### Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

BOURKE NO MARSH,  
e Nyutawini nakwisitalato esipambi  
kwe ofisi ngase mcantcatweni.

Amayeza ka Cook Abantsundu.

UMZI ontsundu ucel'ukuba ukangelise lamayeza abalulekileyo.

COOK Iyeza Lesisu Nokuxaxazo. Elika- 1/6 ibotile.

COOK Iyeza Lokukohlela (Lingamafuta). Elika

1/6 ibotile. Aka Amafuta Ezilonda Nokwekwe. 9d. ibotile.

COOK Iyeza Lepalo. Elika 1/6 ibotile. Ezika

COOK Iyeza Westena Sabantwana. Oka 6d ngebotile. Ipils. 1/ ngebokisana. Eka

COOK Iyeza Wamehlo. Oka 6d ngesiqunyana. Incindi Yezinyo. 6d. ngebotile.

COOK Iyeza we Cesine. Oka 1/6.

COOK Iyeza we Cesine. Oka 1/6.

Niqondise ukuba igama ngu

G. E. COOK, Chemist,  
E QONCE.

Kuba ngawenkohliso angenalo igama lake.

Isaziso ku Mamfengu.

LO ugama lisekele esi saziso, uvakalisa ukuba ngelixa loku ceba lizayo, ulungiselele ukuba anike elona nani longamele amanye ngo Boya.

Impahla kanjako iyakute ngwa ngemalana encinane xa sukuba umntu eze eyipeti imali kuzo zonke ivenkile zake kwela Mamfengu.

Kwakona utengisa: Ingxowa ezi 2,000 Zombona nge 4/, kuse kwi 5/ imali ngengxowa.

THOS. MORIARTY.

MANENEKAZI!

KANIZE kuzibonela impahla yetu entsha evela Pesheya kolwandle E-Ngilane.

I PRINTI.

Ezilungileyo 2 1/2d kuse kwi 6d.

I PRINTI.

Ezimatakutaku nezibuketshemiya 6d to 9d.

I MUSLIN.

Ezimhlobe, ne KOTONI e yi Brocade 4 1/2d. to 6d.

I KELEKO, 2 1/2d to 6d.

IZITEYISI,

Ezilunge kunene, 2/6.

IMITUNZI YELANGA,

Ngamanani apantsi.

O Mashini bokutunga abona bamanani apantsi apa e Koloni.

W. O. CARTER & Co.

MACLEAN SQUARE,

E-QONCE

Kumadoda Namadoda.

AMANENE antsundu akolwa Zingubo eziti Zimhlale umntu, acelwawa ukuba ayekabona ipatroni zemichako emihle ekoyo apa a Qonce baze bake bakangele ukuba- utinina yena ukuzenza u

B. ABRAHAMS

(Ngakwa Pinki),

Eyona michako inqabileyo ineyukenza

IBHULUKWE, nge 25s.

Ne £4 4s. ISUTI ipela.

Ingubo siyensiwa kwisituba semini enye.

Imali ye "Mvo."

UCELWA ngamnye umamkele we Mvo, ukuba ayiqoshelisele ekapeleni kwalo nyaka intlaulo yepapa. Ngayo lenyanga emva kwelishesha kuyakulingwa wambi amacebo okuyibiza. Office of Imvo, King William's Town, 15th December, 1887.

Iveki.

NGENXA yeholide Imvo iyakupuma ngo- Iwesi-Hlan- 30 Dec. ngezayo iveki.

NGOMTETO zonke i Felkornet zimiselwe ukuba zizwaxheme emizini yazo amagama ezibe ziwabhalwa lonke elixesha.

ZIMISELWE ukuba zizwaxheme iveki ezi- mbini, kuqala ku 15 December. Oko kuku- ti ayakutlwa nge 30 December 1887.

NGELIXA asaxhonyiweyo ke umteto uya- leze wonke ubani, onayo imfanelo, ogama pofu lingabaliweyo yi Felkornet, ukuba alitumele ngepepa ayakulifumana kwa kwi Felkornet, ukuze imfanelo yake ivive ngosuku oluyakubalulwa kwayi Felkornet kwakwelo pepa lixhonywe kunye namagama.

NGOLUSUKU umntu angamelwa nangu banina amnike igunye elibhalweyo pambi kwe Felkornet.

SIZENJENJE ezindawo sifuna ukuba amadodana azindwebele. Huku, ke !

KUVAKALA ukuba babe kumawaka ama- hlanu abantu abangena kwindlu yomboniso e Rini mhlawavulwa ngo 15 Dec. Kutiwa ulingana tose nowawuse Kapa nomnye owawuse Bhayi ude wagqita nakuleyo ngezinye izinto, Uvulwe yi Ruluneli u Sfr H. Robinson.

IBHULU elingu Franz D. Roodt lidliwe £50 yi Mantyi yase Dordrecht, ngokusuka litete ubuxoki etyaleni. Lizitetelela ngo- kuti belingazimisele kuxoka kodwa kusuke kwepiti ingqondo alazayi eyona nto iyiteta- yo

IKO kunene imasisi Emgungundlovu.

E VUSTA amakwenkwe amabini abanjelwe ukubulala isicaka somntu omnyama. Am- tyukatya ngentonga.

NGOLWESI-BINI Iweqitileyo iveki ibiyi holide e Free State kukunjazwa umhla wo- kuzalwa knka President Brand, Ummonga- meli welo.

ELAKWA Zulu lenziw' iziqingata ezitandatu. Ses sine Mantyi yaso :-E Tshowe, Nka- ndla, Nqutu, e Ntonjaneni, Ndwendwe namazantsi Omfolozi.

LIZOLILE elase Swazini; amare abeke ako ezipitipiti afumaneke engeyiyi inyaniso.

INQWELO zika lolive ziyakubaleka yonke imihla pakati kwe Rini ne Cawa ngezinye- nga zimbini (Dec.-Jan.) uvuliweyo umboni- so.

U REV. C. S. LUCAS wase Ngqushwa utabate ngeveki engapaya no Miss L. Gedye intombi ka Rev. E. Gedye okwase Ngqu- shwa.

IKARI zabahambi ziyabaleka ngoku kwisi- tuba esipakati kwe Alvani nele Golide (Johannesburg.)

KUKO inkomo ezele amawele e Somerset East. Apile kakuhle omabini.

OMNYE uke wati lento intlalo yabatshati- leyo ifana nomzi ongingwe lutshaba :-Aba ngapakati komzi bangawuya bepumle, kanti abangapandle kwawo kokona banga banga- ngena. Kwenye yetyalike zase Dayimani ade abizwa alishumi elinambini amagama abatshatayo ngaxeshanye.

UMFAZI ontsundu womandla wase Eden- dale e Natal, uzibulele ngokuzixhotna nge- Cawa 4 December.

SIVA ukuba Imantyi encedisayo yase Cumakala u Mr. F. Hewett upenpulula itya- la lenene lakwa Zidenge u Mr. Sikepe James Kali, lokuba kusitwa ubulele umtana wakona kwa Zidenge ekutiwa ngu Wana owayeye kubhatala imali yenkomo zake ezaz banjwe ngu Mr. Kali. U Mr. Kali uti ukaty we lihase lotntu ; ubanjwe ngenteto ka Robiyana Nqadini uti ubonile xa u Kali ambetayo lomntu. U Kali umelwe ngu Mr. Innes wase Qonce.

AMAWETU acinga ngokuya kubona lento iyi Exhibition e Rini, makanonelele ukulesa isaziso eika Mr. John G. Kosani esikwakwe- lanamhla.

U FOLOKOCO unesaziso esitsha kwakweli pepa.

YINTLANGANISO yabatunywa abamele umandla we Qonce wonke ngo- Mvulo ozayo kwa Mdingi. Lesa isaziso.

U SIR G. SPRIGG uyakufika ngomso apa e Qonce ukuvela e Rini. Uyakuxela indaba e Monti—umzi amele wona e Palamente.

INTOKAZI engu Botha izinikele ematyaleni e Nyara kuba kungaziwaznye yabalula um- ntwana wayo owayeseleminyaka mine.

UBUYE wasiroxisa u Mr. J. P. Jameson isibheno sake kwisigwebo setyala lake nomfi u Mr. Irvine.

EYOMANDLA wase Dikeni intlanganiso ukukangela awona macebo ngamagama iyakuba se Mxhelo ngolwesi-Hlanu olu. U Mr. J. Tingo-Jabavu ungomye wabalinde- lwe kuyo.

U REV. NO MRS. MSIKINYA wase Alvani, badtule apa, behambela e Dikeni 'nale Nxu- kwebe.

Imvo Zabantsundu.

NGOLWESI-TATU DEC. 21. 1887.

Icebo kumzi ose UVAKALA ukuba Batenjini amawetu antsundu anemokolo e Batenjini ashiywe ngapandle kwemfanelo zokuba ngamadoda, ngu Mr. LEVEY, Umantyi obhala amagama kwelo. Pofu ama Bhulu angeni- swe onke. Asiyiboni indawo abafa ngayo abantu base Batenjini, kuba abayayo nalento idume ngobuzwe. Ngomteto bebefanele bep a k a t i bonke. Nali icebo, mabatumele ku Mantyi kwagoku ibango (claims) labo ukuze babeko ngosuku olumisiweyo, ukuze bayive into ababulawa ngayo. Singenza into esayenza e Ngqushwa nyakenye, mhla satu- mela iciko lomfo ukuya kubuzela amawetu. Huku, yenzani lonto nina mhlambindini wase Batenjini. Nalonto yokuba kupa abangazale- Iwanga pantsi kombuso lishyeyi kodwa. Yayenzelwe ama Jamani nezinye izizwe ezinenkosi zazo. Tina bantsundu asingawo amavezandlebe apa kwa Nkosazana. Umnto simi kuwo. Zijaji ziyakuwumisa ngomxholo, njengokuba ubhekiswa umtyiso ezantsi nje zintshaba zemfanelo zetu. Ngenani, ngenani. Pakati, pakati. Yoxelwa mhla ku- tetwa esidlalagalaleni into eniketwa ngayo. '

NGONGENISO-MAGAMA.

EMHDANGA: — Impi entsundu E MHLANGA: yase Mhlanga ngase Dordrecht, kufike udaba lokuba, ayisakuba nakungena evotini ngoluhlobo uhanjiswa ngalo lomteto mtsh. Mayitumele i claims (ibango) ukuze ibe kwisituba sokubuzelwa pambi kwe Mantyi napambi kwe Jaji kunye nezinye izizwe.

E BHOFULO: —Lomandla kungase kusitwa yi Nxukwebe. — Kuwo sincoma imigudu nenkulato esiva ukuba i Komiti engo Messrs W. Dunjwa, W. Dwane, no I. Vundla, iyayenza, ukungenisa amagama abanentelano.

E MONTI: —Bekuko e Nxaruni ngo 7 Dec. 1887, intlanganiso yamadoda abalulekileyo awo wonke lomandla, ukucebisa ngolungeniso lwamagama nemicimbi yemali zemigudu ezenziwayo. Ibingu Rev. W. Philip esihlalweni kubekuko no Mr. Tingo-Jabavu ngetuba lomo- memo, kwaye kuko o Messrs J. Malgas, Antoni, Gudula, Gqamlanga, no Tutu. Impi erolelwa ngapandle ngetuba lobuzwe nokuba ilidlelo pofu inazo imfanelo kugqitywe kwelokuba ibhalwe itunyelwe ngamapapa amele oko kwi Felkornet. Uvumile u Mr. W. F. Lance umteteleli ukumela umzi ontsundu pambi kwe Mantyi. Intlanganiso ibe yeyolileyo.

E KOMANI: —Intlanganiso vesitili sase Queenstown ibiko ngo 10 Dec. e Komani vabankulu kanve. Amadoda abeko: — I Lessevton. J. W. Sondlo. Chas. Jubeui. Msikinya. Malotwana. Tarkastad. Sifalutlini Kamastone. J. Sishuba. Mzileni. Nahase. Oxkraal. A. Mtombeni Kondlo Matumbi Nooi F. E. Ndlanaisa no Mtombeni Innr Shiloh Mr Sihlahla Queenstown bahe ku 40 o Mooko Gonoob Nukuna Hina niaio- nialo Kuvulwe u Mr I G Sishuba ukuba abe vi Chairman no Mr Harrv Mtombeni ukuba vi Secretary encedwa nou Nukuna. Kuvive imxholo namagama aba voti i Lessevton. ngo J. W. Sondlo inenise 34 amagama. asazakwenisa amanye amahlwa. Queenstown, ngo Gonoob inenise 12 asavakwenisa. Tarkastad, ngo Sifalutlini, inenise 5, isahinga amanye. Kamastone no Oxkraal, noe Sec. zinenise 300. zisayakulwela 400 more. Ngojini, ngo Ndlangisa, ingenise 3. Shiloh, ngo Sihlahla ingenise 12. Ewonke aselengeniwe kwesitili ayi 364. Yi Komiti engeniswa amagama ete i See. yanika amacebo, ncezelol, malunga nalo, njengokuba ixesha lifinyela nje lokungenisa amagama. I Chairman icela kumanene ase Glen Grey indaba zecala lawo. —Ate u Mr. Pelem, waziquba zaba mandl mbi ngomicimbi wamagama Ibakala lesi xenxe ibe " Yinxelo nge mali." I Lessevton, ngo Msikinya ite imali ekoyo esandleni zi E3 15 0 Queenstown, ngo Nukuna zi 5 11 0 Oxkraal

Kamastone } Nge secretary, 3 5 0  
Ngojini }  
Shiloh } zi ... .. 0 7 6

imali ekoyo iyonke ibe yi £12 18 6 Kugqitywe kwelokuba imali itunyelwe xakuko umcimbi efinelwa wona e Qonce. Akunyulwanga treasurer, mayike ibe ihleli kubabuti bayo? — Ibakala lesibhozo libe nge " Ntlanganiso zesi Tili." —Ezayo iyakuba lapa ku Komani Last Friday ku March ozayo ngokuhlwa.

EMGWALI (CLARKEBURY). —U Mr. A. Gontshi wayenintlanganiso yabantu balapa esiti abo bafanele ukuba ngabavoti maba- tumele amagama abo Engcobo, kuba ixesha lipela. — Yati impendulo, ukuba uze ngento enjalo, uze ufanele ukuya kwenza intlanganiso kwa Dalindyabo, inkosi no vise ka Tembu wonke. Akuko mntwana waka wawuma ukubiwa kuyise. Ude wawuma ke u Mr. Gontshi ukwenjenjalo, wabuthelwa nomntu kwaoko oya kumkapa; wakhala nencwadi yokwazisa inkosi ukuba uyakufika ngomhla wesi 6 kwakulenyanga. Kodwa ke akafikelela- nga ngenxa yokungabiko kwenkosi. Emva koko kunke u Mr. Griffith (u Faku) utembise ukubatelela ngako konke anako. Uvulele. amadoda antsundu ukuba enze eyawo imibuzo. Kute emve- ni kwemibuzo ate ayibhekise ku Faku, ete ayabinakupenduleka kamandi, ngokulula. —Malunga nendawo yeziqinisele ezite kwabonakala ukuba zifunwa nga- barwebi (Traders) kwindawo abakuzo,

ete londawo yabonakala ngokungati iyawarizisa amadoda. Amadoda enze kwalompendulo ayenze ku Mr. Gontshi yokuba akanakumvuma kulonto ngapandle kwezvi lakomkulu. —Emva kwezi ntlanganiso zalamanene kuvakala ukuba u Tembu-Hala, akafuni voti. Uti wende- le kwi Nkosazana (Queen Victoria), akafuni Ruluneli we Bhulu nowase Kapa (Cape Town) akamfuni. Enye into anga- yifuniyo kukuvalwa umlomo angateti. Lonto ke yona angaxola nokuba uyam- nqumla umqala afe. Ute makayekwe namafa ake. Ufilena u Fitoli (Victoria), unina wake. Lomzi wakwa Tembu unentloko yawo u Dalindyabo. Akuko mzimba ugenza nto ngapandle kwentlo- ko, u Dalindyabo intloko, u Tembu ngumzimba. —Ndim, T. N. M.

BENGU. —Ngomhla wesixenxe ku December, ibiyiminye yesiqingata esibizwa nge Tembu Location Division of Wodehouse, ebesiyekungenisa amagama kwi- lungelo lokuvota ; amaqela abeko ebeve- la ku Bengu, Bangindlala Mkapusi, elona qela likulu libelivela ku Bengu, kwabonakala ukuba umfo ka Sigenu akalalanga njengezinye izibonda ezilelelo, amadoda abeko ebekumashumi amataduta bezi- lapa izi nghanisa into zo Nama, nezoo Mpokela, no John Sigenu, nento eninzi yeziidwangube zaseba Tenjini, amadoda alina umhlaba ngenmfanelo avuna amakulu onto ingxowa, aheba amakulu ngasi- bhozo egusha; Kulo lonke elonani kungene amagama amashumi mabini qa; abane ngxande naba kwi Private farms, yonke enye impi yavelwa ngapandle, kuba ite i Field Cornet, abemi kwi farms zika Rulumente abanaku vota ngomhlaba abawulimayo; banokuvota ngxande ezinokuba libabiso le 25. ' Yabake yonke into eninzi yamawetu imka idanile itungwe imilomo; Akutekeni nokuba u Sir Holland uwupengulule ngomonde wonke lomteto wawufumana ungenywe u Tung'. Umlomo ; lonto kuti injengemfene engati ihonjise njengomntu ize ihlalise esitulweni ingade ibe njengomntu kanye, kodwa ukusuka usike umsi uluyele ukuba yimfene, Wasuka wazixela u Tung' Umlomo ku- ngekabipi; Msani ukutafya ntokazowetu zezincwadi zo Sir Holland, besesivunyele tina pesheya, hlanganisi imali kuwelwe ngo January 1888. — Nditsho mna, D. Tsos. MALASI.

IBALA LABA DLALI.

" CHAMPION " C. C. 1ST INNINGS. R. Soga, b Hook..... 0 Ngeumbe, c Wood, b Hood 19 Nini, c Blakeway, b McDonald 0 N. Zondani, c Sissing, b do 1 Seti, c Hedding, b do 1 Bovana, b do 0 T. Zondani, b Miles..... 10 Sidala, c Wood, b McDonald 9 Bali, c Hedding, b Hook..... 9 B pi, b Haynes..... 19 Xiniwe, not out ..... 0 Extras ..... 1 Total ..... 180

2ND INNINGS. R- Soga, c Hook, b Hedding 6 Ngeumbe, b McDonald 9 Nini, not out ..... 6 Zondani, c McDonald, b Blakeway 0 Seti, b do 16 Bovana, b Hook 16 T. Zondani, b Hedding 15 Sidala, o Miles, b do 6 Bali, c Bayly, b Hook 7 Bopi, run out ..... 6 Xiniwe, c Hedding, b McDonald 19 Extras ..... 29 Total ..... 180

" DALE COLLEGE " C. C. 1ST INNINGS. Hook, c Xiniwe, b Soga ... 0 Sissing, b Soga ..... 7 Bayly, b Bopi..... 2 Wood, b do ..... 2 Hedding, Soga ..... 8 Miles, b do ..... 0 Blakeway, run out ..... 4 McDonald, b Soga ..... 2 Haynes, b do ..... 0 Duckies, b do ..... 0 Faller, b Bopi ..... 3 Extras ..... 3 Total ..... 26

2ND INNINGS. Hook, o Bopi, b Soga 0 Sissing, c Zondani, b Soga 1 Bayly, c do b Bopi 0 Wood, b Soga ..... 4 Hedding, b Bopi ..... 4 Mile, not out ..... 7 Blakeway, b Bopi ..... 7 McDonald, b Soga ... 1 Haynes, c and b Bopi 1 Duckies, b Soga ..... 1 Fuller, b Soga ... 0 Extras ..... 8 Total ..... 31

EZABABHALELI.

AMACAPAZA NGEDLELO.

Mongameli wesihlalo esibekelileyo sentlanganiso yezi Mvo Zabantsundu. Mr. Tingo-Jabavu. — Manngadeleli pambi kwako lomlomo we Aborigines mhla kwahlanganwa nge 1853. I- No- koke umlomo uti, kanene u Rulumente lo esipantsi kwake ngumzizuzela. Owati akuntwimba lomhlaba wabantu- ndu, watumela kuti omantyi, abafundisi, ne tishala; ukuba sifundise ukuwazi lomteto, nombuso ka Rulumente, woku- zizuzela tina sonke ngabanye, ngabanye— inzuzo zetu zemfundo, nezokuzisebenzela kulomhlaba asipe wona; ukuba sisebe- nzele umbuso wake okukuzizuzela, ukuze sifaneleke kuzo zonke imfanelo zombuso wake wamalahlaba wake asipe wona, uze yintlalo yetu— ungabi lidlelo. Ngokuti ngokucandelwa kwetu ibe yimizi yetu sonke ngabanye-ngabanve. Ukuze umntu abenako ukwaka indlu kwindawo eeyake, ingemhlaba wa mantyi, wa mfundisi, wa nkosi, wa sibonda. Akunjalo nake kumteto

wommiso we Rulumente ka Porter, nge 1853, mhla sapiwa ubuntu bobulungu?

1. Emva koko awonakalangana lo 'miso nge Rulumente ezisemva kwaleyo, ezafaka lomteto wazo ka Nqapela Ndi- kule? Wasele sukake u Gqadambekwe- ni, umfundisi we Moravian Mission, wakucelela isikolo sake i kart, wayini- kwa. Kwangokunjalo no mantyi, bace- lela umhlaba we nkosi ne zibonda i kart zobuzwe, banikwa. Kunjalo nje ke wetu uya kuyaka pina ke indlu yako? Umhlaba wako ungowe mantyi naba fundisi, nenkosi, nezibonda nje. Aku- njalo nake? 2. Kunjenje nje ke mayiti intlanganiso ye Zimvo Zabantsundu ebukakayo, itakazele kwi Rulumente yetu ka Sprigg. Itaruzise kuqala isiti, besisafuna uku- qonda, sichazelwe ke ngaba Chazi Mteto be Nkosazana, saqondake ukuba akusi- bulali, uyasipilisa. Sitsho siti, nkosi silungiseleleke, siyakala ngentlalo yetu, ingabi lidlelo. Makube nje ngomteto wommiso, mhla sapiwa ubuntu bobu lungu, bokuzizuzela ngabanye-ngabanye imfanelo zonke zombuso wobulungu sibe ngabo kanye, ngokuti lemihlaba yetu usipileyo ibe yetu kanye, ibe lilifa letu. Mongameli wesihlalo sezimvo zomzi ontsundu, nditi ke teta nomzi ontsundu wonke ukuba utakazele kuba ugwetyelwe kade ngu Sir Henry Holland e England. Nje ngomteto wommiso mhla satinjwa salixhoba lomlungu. Sangeniswa ke ebulungwini yi Rulume- nte yetu esimbileyo. Mongameli Tingo-Jabavu, wubonise umzi unga kaleli kwaku Nqapela Ndikule waku- kululwa kuye. Uyabona ukuba sasi ngaqosheliswa ngesifano aama Bhulu nama Jelimani. Ndiyapela ke apo, owako umhlobo owubukayo umse benzi wako. Yomelela ungotuki kuza kulunga. Ndingummi we Waqu.

JOSHUA LOK WE.

Goschen, Dec. 12, 1887.

I TOURNAMENT.

Kwi Mvo ye 23 November kubonakele ibalana nge Tournament, elingakolisiyo kanye. Kwindawo yokulala andikolwa ukuba kufanelekile ukuba i Tournament yazi- swe ngeshaxana elincikane kangaka, isi- tutyana senyanga enye. Bekufuneka ya- ziswe kwisituba senyanga ezintatu pambi kwexesha cyakubako ngalo i Tournament, Ukuba abantu base Rini babetale icebo lika Mr. Cricketer owabhala nge 1 June nge Tournament, kwano Mr. Mnyadala owabhala nge 3 August kwangayo, nge- selipilele yonke into yokuteta, ngesezimi ngendawo zazo. Ngendawo yesibini, kutiwa ixesha elifanelekileyo kusemva kwe Nyibidala. Eloxesha alilungile kanye. Kwindawo yesitatu, kutiwa indawo ezi- funayo ukubako kulo Tournament maza zibhalele u Mr. J. Jabavu, e Graham's Town. Andikolwa kananjako ukuba into enjalo inokwenzeka; kuba yindawo ye Rini ukuba libhalele, limeme indawo eli- funa ukuba zibeko kulo Tournament liyenzayo. Lendlela liyatitabileyo i Rini ayazeki kwimteto ye Tournament. Kwindawo yokugqibela, liti i Rini indawo ngendawo maza zizixhasa. Ba- ngatimna abantu base mzini ukuzilungu- selela izixhaso emzini, ibeke lona i Rini seliya kwenza tonina, xa nje lwusutayo umtawo walo kulo? Kanye lonto inga- lunga kwindawo enjenge Qonce, kuba lona line Kaya Labahambi. Kanye into endiyibonayo mna ukuba ingenza um- twalo lula kumakwaka nabahambi kukuba i Rini lizimele indawo zokulala ne breakfast ne supper. Ndim, E. W. W. H. N.

UDABA LWENKOSI.

MNUMZANA, —U Xego Dala uyakuqana na yedwa, ngokuba yena ungowendlu enkulu, tina singabakona singekayo imbilini yayo. Xa sisezintlanganisweni zetu asiteti zinto zegqulula kuba asikabi kona egqululeni kulomzi wakowetu. Asiya- mkelo ntelobendwane engenasiqiniselelo sayo incwadi —ngokuba sukuba siteta enkundleni, sitetela umzi omninzi ongakwaziyo ukusoma nokubhala. Siyaxakwa ke ngoko ukwenza udaba esingena- siqiniselelo ngalo. Nolu alutelayo u Xego Dala siwenzile emzini, saxela okokuba sipambanise ngabona satandaza, ngokuba singenasiqiniselelo ngalo. Okukuteta kuka Xego Dala kwake kuko kwangapambili, noko yayingekukoku ukubulela, yayikukuyekela elufefeni Iwe Rulumente ngomhla we Jubhili, koba soyisana ngeliti masi- ngalumfutlisi, nokuba sitandazile aku- lungu, ngokuba singulomzi we Nkosazana wawungalwanga ungowendlele. Bati nabelungu abakulu abalumkileyo kwelizwe lonke, kwada kwaya kuma nge Kapa esasibabhalele yabasitela lendawo yoku- yeka, abayivelela bafunzela ekokubeni masitandaze ngobulumko kodwa. U Xego Dala ke yena asimhalelanga, ngokuba ebesipakati embusweni kowabo. U Xego Dala ke ngoko, ndiyambongoza makangatintelwa kukungazi kwetu, ma- ka putume intliziyi yake yexa lo No- ngqaase. abemkuii nanamhlanga pezu kokutyobatyobeka kwetu endleneni zokwaka isintu. U Xego Dala—ungabi akwazi — okwangoku akaseyiyo intloka yecala elitile, ulingqina elitembekileyo lamabala onke, makati ke okokuba uyazitandazela ngokwenene intsanana zo- kundla kwake, angabheki ngemva, uyedwa, ukupela kwetole lesidwangube ko- wabo, ekwasidwangube naye.

Ndim Ac., ETEMBENI.

ABALIMI NA BARWEBI.

Egqonce — Uboya obuhlanjwe emlanjeni 7d., obungahlanjwanga 4 1/2d., obeseyibhokwe 6d.

E MARKENI.

E QONCE (Dec. 20.) Irasi eluhlaza, 5d to 9d ngekulu Ihabile, — 1/ to 2/4, Umbona, — 2/ to 2/6,, Irasi ezinkozo, 2/ ,, Imbotyi, — 1/6 ngekulu Inkani, — 5/ to 27/ ngefllara

E KOMANI (Dec. 17)

Inkani, — 9/ to 26/ ngefllara Itapile, — 2/1 to 6/ ngenxhowa Umbona, — 5/ to 7/6 ,, Irasi, — 3/3 ,, Umgubo, — 4/ to 5/ ngekulu Isimile, — 2/ ngenxhowa

U COLONEL GRIFFITH ECALA.

U Faku ube nentlanganiso namagwangqqa alapa nge 29th Nov. eGantolo — nanzike indawo ezizintloko alike wateta zona:—

Uti yena uze kuzimisa pambi kwabanyuli balomandla ukuba babone ukuba bayakolwa nguye bamnyule. kweli lizwe, wakulela kona ?? xesha elide chamba kulomhlaba uqelene kakulu nemeko nentlupheko nobunzima beli lizwe. Nase ndlin' apa ???

bamadoda anexesha elide eba ?? cala yena angati ungakulo. ?? Rulumente, akangakuyo ne opposition, ungozibonelayo nozipeteyo, ukuba unyuli- liwe uyakuxhasa yonke into evumelana noluvo lwake, nokuba iveliswa lilipina icala. U Mr. Cloete wati oko waye lapa, ungowena ulungelwe kunyulwa kuba ekufupi ne Bhotwe, eyakuman' ukunqo- nqoza futi kucango Iwakwa Rulumente ngamalungelo abanyuli bake. Lonto ke yena (Faku) uti inokubonwa nasiyata ukuba ngamampunge, akoko nto iyileyo. Yena akalociko, into yake zizenzo, ububi bendlela ububonile, nalomcancato wenzi- wa isizekevu wayekwa uyawubona, zizi- nto ezo ayakuti ukuba unyulwe azizame ukuba zilungiswe. Lomandla wangane- no kwe Nciba mkulu kanye ufuna ukuba abameli bawo ubuncinane babe bahlanu, babe babini kule Division (Tembuland) babe kwababini kweyase Griqualand kwindlu Encinane (Assembly), ukuze kudityanwe ngelungu libe linye kweye ngewu (Council).

Imantyi ezinkulu (Chief Magistrate) uti yena litikile ixesha lokuba zingabiko, xa atshoyo akachasene nalamadoda azizo kuba ngamadoda awaziyo ukuba akana- kutnbi. Kodwa ke ukanyo seluko ngoku apa, kufuneka ozi Jaji ne Registers of deeds; akaboni yena ukuba uti umntu we Nkosazana ityala lake lingapengululwa zi Turi. Ngokupatelele kwabamnyama utelela i Commission on Native Laws and Customs—ukolelwa ukuba bafundiswe, kubeko i simari pakati kwabo, ukuze babe nokuba ngabantu abafana nabamhlobo— ababantu ngabemi bokuqa- la belizwe, yinina ukuba bavinjwe imfa- nelo? Utywala buyimbubiso kubo, ina- bangabunikwa, abakabinazo indlela zo knobulumkela njengabamhlope, ingani nakubo noko sebenezizukulwana beqele- ne nabo busabubhisa. U Cloete uti- ndwa ngama Bhulu, kuba igama lakelele Bhulu, yena akatandwa kuba engu Griffith igama lama Ngesi, wayeke u Cloete esiti ufuna ukumela amawabo, ukuba kuko i Bhulu nelungu le Afri- kander Bond, angabuzwa ukuba kanene wayepina lo Cloete ngenmafaze yase Transvaal xa amawabo ayelwela inkulu- leko, wayeman' ukwela ngapaya kweso- yi kwi kampu yama Ngesi edubula ama- wabo kanye. into afuna yona yena inye liwonga kulo Rulumente, unxhamele ke unyulo olu lube liqegu lokuya kwelo wonga. Angatini ukuxhasa u Rulume- nte owenza imfazwe na Besutu ngempu yabo kwada kwako izigidi ezine zeponti esisabhatala amatole zazo? Lemfuduso yaba Tembu e Xonxa utini ngayo? Yena ucinga ukuba abelungu bevenkile xa bate benza imisebenzi yenxamleko uku- lungisa imizi yabo, kwaye kungeko ma- lungelo abanye abantu kwezondawo, ba- fanelwe kanye ukuba bafumane itaitile. Yena ungunyana we Farmer, uyavelana kanye ne farmers, ingabo ngumzamo ukwenza imiteto yokunqanda ubusela.

I Registration Act akatsho ukuti ayilu- ngile, kusolo ucasene nayo kuba iko nje ibingangwenelwe bani, yenzelwe ukupo- ngula abavoti abamnyama qa ngabenzi bayo, ukuze kuxhenxe i opposition e Palamente. Uyayibona indawo yokuba okwenene amagama abeko abangamelwe kukubako kumqulu wabanyuli. Akusa- ncedi nto ke nkuteta ngayo kuba Inkosa- zana ayisakwenza nto lomteto.

Eyabamnyama ingene nge 29th, ngo 12 o'clock emini, kulandlu inkulu vaba- mnyama, isihlalo sitatye ngu Mr. Solomon Kalipa, osuke wati, u Faku uzakusi- xelela uluvo lwake kwinto zolaulo, ete- mba ke ukuba sompupulula ngokuzola kuba ymdoda eneminyaka emininzi siya- zi. nemisebenzi siyayazi. Into anozisi yivo kukuba abantu bengafikanga njengoko bekulindelwe, imbangi ke kukuba be- ngaziswanga kakuhle.

Esukile u Faku ute uyabulela ukubona eliqela lize kumpulapula, kuko uinteto okutshweyile Palamente idluleyo woku- ba eli lingaposhonono kwe Nciba libe na- bameli ababini (Tembuland ne Griqualand East) kulo knkndla, into angaziyo yeyokuba bekusoyikwa tonina ukuba lingabamabemi abaneleyo nje ngase Koloni, i Division enye apa ilingana ne Division ezimbini zase Koloni, ngoko yena uti makuti kanve ubuncinane babe babini e Tembuland babe kwababini e Griqualand East kwencinane indlu kuze kuhlanguwe ngelungu elinye kweye- ngewu. Yena akanguye owasemzini kuti. yiyo lento azingenisileyo kulom- nyadala wolunyulo, elapa nje ke ufuna uknyulwa siti. Akaziyo indoda engaz- ziqondiyi izinto, ezinzwe zake zimhlope nje zixela ukuba kamntwana, unexesha elide ekonza u Rulumente, intswelo uza- zi kakuhle. Ute ke uyakuke ati pambi kokuba asiqubele uluvo lwake asifundele amapepa akumqhinela. Ufunde ipepa elabhalwa ukumbulisa ngamadoda ase Mta, nelabhalwa ngase Bhede, e Ngojini &c. Amapepa ke lawo ateta ngosizi olu- kulu ngokushenxiswa kwake e Komani esiya e Rini, ngobumantyi. Ufunde nontandazo wa Besutu owawusiya ku Rulumeme, oknya wayeshenxiswa kubo pambi kwemfazwe ya Besutu edumileyo.

Ute into enkulu esiyifunayo yimfundo kuko inteto enkulu e Koloni yoku ??? ngayinikwa. lonto vena uchas' siyarafa ngoko sifanelo ku' abantwanabetu. Ngempap lelwa kwinxelo we Co' siko abamnyama, utw ba bubeko pakati kwr asikayazi buyasitsh' ama Ngeika namhll ngomqolo wonke Unga angati won J' ngesisebenzo y afumane i (title nayitaitile yob' Ukupendula wane ute 1. Yena ak ungozibonel nakuyo i o hvayo. 2. Ngok- wase Bate zitaitle, u yo. (u N nkosi.)

3. Yena ucinga ukuba izibonda zifane-lwe ukwamkela ku Rulumente.  
 4. E Qonce u Rulumente ulungiselele ukuba irafu elityala ihlanganiswe zizibonda, nalapa ke ubona kwakho yena.  
 5. Ebeseletshilo ukuba yena uyakuxhasa yonke into engemfundo, akaboni ke ukuba imali yotishala itoywe, kodwa ke xa u Mqongameli wemfundo angakolwayo ukugabala kwesikolo esi-S'p-umelwe... sicita.

Mr. P. Kula ute yena nto ayikalazayo kulo-Umlomo (Registration) mto ngokwawo, into wenziwe nje lolizwe elile we-ibamnyama.  
 ndula \*F. Mr. S. Makiwane ute to titya xa umntu anomhlaba obhagemeni lake, waza lomhlaba ku-angayenzayo.  
 Ezinye ke indawo ziyafana nezitete kweya magwangqa, sepditte ndakutale indawo ezintloko kuzo zombini. Kweyeto utemjise yiyoyonke into ayayisendlimi apo ukuba iyakumnyula. Nalokweya magwangqa nakuba besekuko azimisele u Cloete, libe ngapuzulu iqela elimtembisileyo—

Kweyeto ke upete ngelokubulela wati ukuba unyulwe siyakubona ukuba asizikohlisanga, kanjalo unga singazama namawetu akwezinye indawo ukuba anyule yena (u Mr. T. Makiwane siyayenza lonto nkosi, kwahlekwa).

Tina apa kufike i Circular evela kwi Chief Magistrate Tembula, eto bonke abangazalelwanga pantsi kolaulo lwe Nkosazana (njengoko kutwata siqendu seshumi se Constitution Ordinance) amagama abo makangatunyelwa kuyo. Ke indawo esizama yona tina kukuti onakati e'lowo nalowo ukuba unehqaga (Certificate of Citizenship) abange ngalo ivoti nokuba uzalwele pina.

Ucinga ntonina wena Mr. Editor? [Esilicinyayo tina lelokuba, ngenisa amapepa (claims) okubanga imfanelo, ningaxhali, umteto ungakuni nokuba akuko qhaga. Sonitumela umteteleli ngomhla kwukupululwa kwalo.—EDI-7th Dec 1887]

*I Felkornet Zomandla we Qonce.*

- 1 Felkornet zalomandla zimisa ezintu-ku ukupululwa izimangalo zabakalazela ukungangeniswa encwadini, nabagxeka abanye abangenisweyo.—
- Ward No. 1., A. D. Thomson, Mimoso Park, 29th December 1887, at Mimoso Park
- Ward No. 2., G. C. Stewart, Ntsikizini, 30th December 1887, at Ntsikizini
- Ward No. 3., H. M. Lowe, Iqibira, 2nd January, 1888, at Iqibira
- Ward No. 4., R. J. Crowe, Debe Nek, 31st December 1887, at Debe Nek
- Ward No. 5., J. Moody, Ncera, Yellowwoods, 5th January, 1888, at his residence, i
- Ward No. 6., J. Francis, Chumie, near Alice, 31st December, 1887, at his residence.
- Ward No. 7., H. Keenan, Keiskama Hoek, 5th January, 1888, Public Offices
- Ward No. 8., W. Poutz, Izeli, 30th December, 1887, at his residence.
- Ward No. 9., G. Broster, King William's Town, 30th December, 1887, Public Office, 10 a.m.
- Ward No. 10., Y. W. Landrey, Mowbray Park, near Kei Road, 27th December, 1887, at Mowbray Park
- Ward No. 11., J. R. A. Cross, H. Brown, Ag., Sunny Braes, near Blaney, 29th December, 1887, Egling's Hotel, at Blaney
- Ward No. 12., T. Singleton, Berlin.
- Ward No. 13., E. Fletcher, Kentbury, near McLean Town. 31st December, 1887, at Kentbury, near McLean Town.

WEDNESDAY, DEC. 21, 1887.

The THE course pursued by Registration Registering Officers Tembula. towards natives in the

Tembula Constituency, as reported in the Press, is flagitious in the extreme. Every device that official ingenuity can invent is being pressed into service to exclude our countrymen from the Register. "The names of our native grantees," says our Tembula telegram, of Monday last, "at Xalanga "have been omitted from the voters' " Register by Mr. C. J. LEVEY, the " Magistrate, but the Dutch holding " ground on precisely the same tenure " have been registered. The " Herald maintains that natives have been unjustly excluded, and calls on the "Press to see justice done to them. The " men in question were located by the " Tembula Commission." Such are the facts; and they are confirmed by letters from Cala. To pile up the agony, we learn that Major ELLIOTT, the Chief Magistrate of Tembula, has issued a Circular to all Magistrates to rigidly en- ?? 10th Section of the Constitution ??which excludes all who are ??subjects of the Queen ??chise unless they are ??result of this, will, ??of the 290 Natives ??Deans at present ?? only 12 Natives ??but there is no ??istering Officer ?? he has put on ??the now calls ??is to receive ??to the Chief

enemies of doing. The f the to all they can to

defeat the machinations of their enemies. Any one referring to pages 25 and 29 of the Tembula settlement Blue Book would see that a large number of Natives were recommended for grants of land from six to fifteen morgen. A number of Europeans, called in the Report the *poorer class of Europeans*, and in our telegram the Dutch, were also recommended for small holdings on the same terms and conditions as the natives, the recommendations of the Commission were approved, and 600 of our people were allotted land which has been surveyed. From 300 to 400 poorer class Europeans had likewise land allotted to them. It now transpires that the Europeans have

